

ICORONAVAYIRASI

MASIYINQANDE inganwenwi

Ukuba usebenzisa ithoyilethi neetepu zomntu wonke, landela le mithetho ukunqanda ukusulelwa yicoronavayirasi:

1

Ukuba ufole emgceni, lumkela ukusondela kakhulu kwabanye abantu - yima kude kangange-1,5 yeemitha.



2

Lumkela ukubamba izinto nemiphezulu yenzinto njee ngesandla. Ungasebenzisa ingqiniba, unyawo okanye iphepha ukubamba iindawo ezifana nezibambo zamacango, ithobhi, umqheba wokugungxula ithoyilethi, yaye ungayibambi njee ngesandla itephu. Lilahle ngokukhuselekileyo iphepha elisetyenzisiweyo engqomeni.



3

Ungaziphathi ebusweni, emehlweni, empumlweni okanye emlonyeni de ube uzihlambile izandla.




Hlambisisa izandla zakho ngaphambi nasemva kokusebenzisa ithoyilethi esetyenziswa nangabanye abantu.

Hlamba izandla zakho


- Sebenzisa la macebiso okuhlamba izandla imizuzwana engamashumi amabini (20).
- Finyeza imikhono, hlamba izandla emanzini acocekileyo galela/faka isepha embindi wesandla.
- Ukuba akunayo isepha namanzi, ungasebenzisa ihand sanitiser.

20

imizuzwana



1
Hlikihla izandla zozibini.




2
Hlikihla iincam zeenzipho esandleni. Kwenze oku kwizandla zozibini.



3
Dibanisa izandla ukuhlikihla imiphakathi yeminwe ngaxeshanye.



4
Beka isandla emva kwesinye, hlikihla phakathi kweminwe. Tshintsha ukwenze oku kwizandla zozibini.



5
Iminwe yakho mayibambane ukuze ihlikihlane.



6
Hlikihla ubhontsi wesinye isandla kwesinye esandleni. Kwenze oku kwizandla zozibini.

- Pula izandla zakho ngamanzi acocekileyo uzisule ngetawuli yephepha okanye uziyeke zizomele ngokwazo.

liHotline:

0800 029 999 okanye 021 928 4102 okanye 0800 111 132

Ukufumana ezinye iinkcukacha:
www.westerncape.gov.za/coronavirus



URhulumente
weNtshona Koloni
EzeMpilo



UNIVERSITY OF CAPE TOWN
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD